



# Isipho esothusayo



NguOmpha Mukhanu



UThuso unezinto zokudlala ezininzi. Uthanda ukudlala ngazo. Iithoyi zokudlala zimfundisa lukhulu.





UThuso uthanda ukudlala ngethoyi yakhe yokubala.

Imfundisa amanani ukuya kuntandathu.

“1-2-3-4-5-6,” uyabala.




UThuso uthanda ukudlala ngethoyi yakhe  
yoonobumba.

Imfundisa oonobumba abohlukeneyo.

“A, B, C, D, E, F, G,” uyacula.





UThuso uthanda ukudlala ngeethoyi zeemoto nezithuthuthu.


Zimfundisa ukuqhuba.

Nanko eqhuba isithuthuthu, “Brrrm, brrrm, brrrm.”



UMama uphathele uThuso enye ithoyi yokudlala esebhokisini.

“Yintoni esebhokisini?” uyazibuza uThuso.





UThuso ujikelezisa iqhosha elisecaleni  
ebhokisini.

Gqi kuyo umhlekisi!

UThuso ubuya umva wothukile.



UThuso noMama bahleka lo mhlekisi  
uhlekisayo.

“Masiphinde mama!”

